UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

# UMZIMVUBU NEWS

OCTOBER-DECEMBER NEWS EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## UMASIPALA UMZIMVUBU UTHE GQOLO UKUNCEDISANA NAMAFAMA ASAKHULAYO

**Ngu Sivuyile Rosho**







Ngomhla wesine kwinyanga yeDwarha 2023, uMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu ngokukhokhelwa nguSodolophu uCeba Zukiswa Ndevu kunye nesigqeba sakhe bebetyelele enye yeeprojekthi ezincediswa nguloMasipala i-"Ahlumile Amandungwana" kuBhokobhane eWard-16, KwaBhaca. U-Sodolophu ukhuthaza abahlali bakulo mmandla ukuba babhalisele ukubakwinkqubo yabo yokuphuhlisa amafama ukuze benze ingeniso babenokugweba indlala kumakhaya abo, eyakwabaxhobisa ukuba babengamafama arhwebayo ukuqinisekisa ukuba ukutya akunqongophali kwilixa elizayo.

Inina elikhokhele elishishini ngumama uNomgqibelo Cekeshe, oneminyaka engamashumi amathandathu anesine ubudala. Elishishini lithengisa imifuno kwiivenkile zokutya ezinkulu kule ngingqi. Impumelelo ka Cekeshe isukela kuqeqesho awalifumana kwinkqubo yophuhliso yoosomashishini abasakhulayo kuMasipala Umzimvubu. Lenkqubo neqale ngo 2020 ijoliswe ekuqeqesheni kunye nasekuxhobiseni amafama asakhasayo ukuze abekwizinga lokurhweba ngeemveliso zabo kumashishini akudidi oluphezulu. U-Cekeshe zange afumane uqeqesho nokuxhotyiswa nje kuphela, wafumana izichumisi, izibulala-zinambuzane, izithole zemifino ezingamawaka amahlanu '5000', ekuquka kuzo izithole zekhaphetshu ezingama waka amabini anamakhulu amahlanu '2 500'. Lomfama uthi ebesoloko ekhuthazwa ngumyeni wakhe ukuba azame ulimo. Uthi umdla womyeni wakhe kwezolimo uye wamkhuthaza ukuba abengumlimi ophum'izandla.

Le fama ka Cekeshe idlala indima ebonakalayo ekuvuseleleni ukukhula koqoqosho kulengingqi ithwaxwa yintswela-ngqesho kunye nendlala. U-Cekeshe uthi utyelelo luka sodolophu woMzimvubu uZukiswa Ndevu kwi fama yakhe, kubonisa inkxaso kurhulumente kunye nempumelelo ye-Ahlumile AmaNdungwane.

Lo kaNdevu uphefumle wathi lefama ingakhula ngakumbi ukuba bangawoyisa umceli-mngeni wokunqongophala kwamanzi. " Singulomasipala siyababongoza abahlali balapha ukuba bazek' emzekweni bangene kwezolimo, ngokuba Umzimvumbu ukwiphulo lokubaxhobisa ngezakhono zokuzenzela ukwenzela kunciphe ukuxhomekeka kwabantu kurhulumente" uqukumbele watsho uSodolophu.

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

# UMASIPALA WASEKUHLALENI UBUYOKUHLOLA UMGWAQO WASELUGELWENI

**Ngu Sivuyile Rosho**






Ngomhla wesine Kwinyanga yeDwarha 2023, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ngokukhokhelwa nguSodolophu kunye nesigqeba sakhe kwilinge lokuhlola iiprojekthi ezisaqhubayo kulomasipala, bebetyelele ilali yaseLugelweni kwaWard 08 EmaXesibeni, nalapho bekuqhuza uthuli kusakhiwa indlela.

Lendlela ibibekelwe ixesha elingangeenyanga ezintandathu ukusukela kwinyanga yesilimela kulonyaka uphelileyo kwaye ibisele ibonakalisa ukugqitywa nje kweyesihlanu inyanga ntoleyo ebonakalisa ukuzimisela kukanokhontilaka kunye nabasebenzi bakhe. Imali ibithe yabekelwa bucala ukwenza lomsebenzi yi-R 1,4 Million.

OnguSodolophu kuloMasipala uCeba Zukiswa Ndevu ugxininise ukubaluleka kweli phulo lokulungiswa kweendlela ezingena kumaphandle, etsho esithi oku kuzokwenza kubelula kuluntu lwalendawo ukuba lufikelele Kwiinkonzo zikarhulumente nokuba abantu balommandla banxulumane nezizalwane zabo. Lo kaNdevu ugqibele ngelithi "Ingase bonke onokhontilaka bangasebenza kanje bazimisele ngomsebenzi abawenzayo yaye basebenzisane noluntu kunye nabasebenzi babo ntoleyo ethi yenze umsebenzi ubelula yaye ugqitywe kwangethuba".

Ongumhlali kulelali uMnu Moses Sifolo uthe bavuya kakhulu isaqaliswa ukwakhiwa lendlela, ubulela kakhulu kuMasipala Umzimvubu kuba ngoku ubomi babo buzobangcono ngoba kuzobalula ukuba iinqwelo-mafutha zihambe ingakumbi izithuthi zikawonke-wonke kunye nezikarhulumenete zoncedo olukhawulezayo.

# THE DEPARTMENT OF HEALTH HELD MENTAL HEALTH AWARENESS AT SOPHIA PARK

**By Sivuyile Rosho**









The Department of Health hosted a mental health awareness programme at Sophia Park in KwaBhaca on the 24th of October 2023, wherein services on wheels were also rendered to the public.

The Department of Home Affairs, SAPS, Education, SASSA, and Social Development were among the invited stakeholders. These departments engaged community members and provided responses to frequently asked questions.

"Mental health is something that affects everyone not only certain people but most tend to be afraid to seek professional help and talk about their health issues or their affected relatives for the fear of being judged. Depression, stress and working under a toxic environment can also affect your health which is why all of these are considered as mental health issues", said Madzikane Kazulu Memorial Hospital Clinical Manager, Dr Tshoba.

Miss Ncwayiba who is a teacher at Nolitha Special school said, "should a parent notice that his/her child is a slow learner, she/he must seek professional help because his/her child is not sick but requires a special school like Nolitha where the child can learn basic skills that will assist him/her".

She concluded by adding that parents should not be ashamed of their children because they do not know what they are capable of once they have been exposed to teachers who understand their conditions and are trained to be in the field to assist such children.

**Miss Ncwayiba who is a teacher at Nolitha Special school said,**

***"should a parent notice that his/her child is a slow learner, she/he must seek professional help because his/her child is not sick but requires a special school like Nolitha where the child can learn basic skills that will assist him/her".***

# KUNIKEZELWE NGONOKHONTILAKHA OZAKUTHI OKHE INDLELA KUNYE NEBHULORHO EMAXHEGWENI

**Ngu Nomveliso Mzini**








Ngomhla wamashumi amabini anesithandathu kweyeDwarha 2023, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ubambe intlanganiso nabahlali baseMaxhegweni eWard-24 nalapho bekuziswe unokhontilaka ozakuthi okhe indlela kunye nebhulorho kulelali.

I-Nomali Trading ngunokhontilaka othe yafumana lomsebenzi kwaye kulindeleke ukuba aqalise ukusebenza zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe ukususela kolusuku aze athabathe iinyanga ezintandathu ukwenza lomsebenzi. Kulendlela ingu 4.2km iquka ibhulorho engu 1.5m kulindeleke ukuba lo masipala achithe imali engange R6.9 Million.

U-Ceba Ntombizandile Garane nokhokele isebe lokokhiwa kweziseko zikaMasipala uphefumle wenjenje "SinguloMasipala sikhuthaza intsebenziswano phakathi kwabahlali kunye nonokhontilaka khona ukuze umsebenzi uqhube kakuhle kwaye ugqitywe kwangexesha". Oku ukubalule ngethuba elumkisa uluntu ingakumbi ulutsha ukuba balondoloze izixhobo kwakunye nempahla ezakuthi isetyenziswe kulo msebenzi ingalahleki.

Kulindeleke ukuba abantu balendawo baxhamle ngokwemisebenzi nanjengoko iProjekthi le isendaweni yabo. Zilishumi elinesihlanu izithuba zomsebenzi ongadingi zakhono zingaqhelekanga eyakhuthi idalwe yileprojekthi. Abahlali balommandla bamamkele ngezandla ezishushu unokhontilakha benethemba lokuba uzoqhuba umsebenzi ongakhalazisiyo.

# ABONELELWE NGOOMATSHINI BOKUSHICICELA UBOYA AMAFAMA ASEMZIMVUBU

**Ngu Nomveliso Mzini**








Ngomhla weshumi elinesibhozo kwinyanga yeDwarha 2023, uMasipala uMzimvubu uthe wanikezela ngoomatshini bokushicilela uboya abangamashumi amabini anesibhozo (28) kumafama asakhulayo KwaBhaca naseMaxesibeni.

Lomsitho ububanjelwe eSophia Park yaye zonke iWadi zaloMasipala zixhamle nanjengoko iWadi nganye ifumene umtshini omnye.

Ezi matshini zixabisa isigidi seerandi kwaye zibonwa njengenye yeendlela zokukhawulelana naloMasipala kwiinjongo zakhe zokuncedisa amafama oboya ukuba enze ingeniso, kukhule uqoqosho yaye kuvele namathuba emisebenzi kubahlali. Kwisithuba seminyaka emithathu ukusuka kunyaka ka 2019 ukuzothi ga ngoku uMasipala sele enikezele ngoomatshini bokushicilela uboya abangama-95.

OnguSodolophu kuloMasipala uCeba Zukiswa Ndevu ngethuba esothula intetho yakhe yosuku uthe "Ngokwenjenje singurhulumente sizama ukuphucula imeko amafama asebenza phantsi kwayo kwakunye nendlela abahlohla ngayo uboya ukwenza amabhali ngeenjongo zokuthengisa bafumane ingeniso, uqhube wathi amafama makayikhathalele impahla emfutshane ukuze bafumane uboya obuhle nobusemgangathweni".

Obemele amafama uMnu. Jansen uthe ubulela kakhulu kuMasipala uMzimvubu ngeliphulo lokunikezela ngazizixhobo kuba kubo kubanzima kakhulu ukuba bakwazi ukuzithengela ngenxa yamaxabiso axhomileyo.


Lo ka Jansen ukhuthaze amanye amafama ukuba ayithathele ingqalelo into yokushicilela uboya kuba le yenye yeendlela ezenza ingeniso eninzi, incedisa kakhulu ekugxotheni ikati eziko.

# SENTECH LAUNCHES PHASE TWO OF SA CONNECT IN EMAXESIBENI.

**Ngu Sivuyile Rosho**





Communications and Digital Technologies Minister, Mondli Gungubele, has officially launched the SA Connect Phase 2 project at Bhonga Village in EmaXesibeni (formerly Mount Ayliff), under the Afred Nzo District Municipality.
The project is aimed at providing core and access network infrastructure to enable broadband connectivity to community Wi-Fi hotspots that will connect households.
The Department of Communications and Digital Technologies (DCDT) said that SA Connect is a national project that galvanises the capability, resources, and energy of public and private sectors towards realising a bold vision of a connected society through extending connectivity to all schools, health facilities, and government facilities.
To date 4 565 households and 124 community Wi-Fi hotspots have been connected in 11 district municipalities across South Africa. Gungubele launched the second phase of the project on November 3.
"Through the project we want to dispel the notion that access to digital technologies and the internet is only possible in developed cities. Villages in EmaXesibeni are already reaping the benefits of having access to the internet.
"Small business owners are telling us that they have increased their customer base by having access to the internet and are able to do banking and access government services in their homes," said Gungubele, as he reflected on the value the project was adding to communities and small businesses.
Gungubele said that their target was to have 1.4 million households connected to the internet by June 2024, while the State Information Technology Agency will connect 14 000 government facilities through the project.
Local chief, Nkosi Zanoxolo Fikeni, who is a beneficiary of the SA Connect Project, said having access to the internet has made his life very easy.
EmaXesibeni small business owner, Tumelo Gwangqa, who operates a local Shisa Nyama, added that having wireless internet connectivity has had a positive impact on his business, as customers were able to place orders remotely using various social media platforms.

# TEXTILE CO-OP AT EASE AFTER ASSISTANCE BY THE MUNICIPALITY

**By Khanya Kalashe**



In an effort to promote the local textile industry, Umzimvubu Mayor Cllr Zukiswa Ndevu visited the Sobhuza Ka Swazi Cooperation in ward 01, EmaXesibeni on the 21st of November 2023. The visit was conducted as part of her project monitoring and oversight walk about to major initiatives and projects.
"The textile industry is among the most valued industries in KwaBhaca and EmaXesibeni. This is why we continue to support cooperatives like Sobhuza Ka Swazi and many others with machinery to the value of R50 000. Our intention is to provide our local SMMEs with a platform to become self-sustainable and to create job opportunities. Whilst there's more that needs to be done, Asimanga Siyaqhuba (the work continues)". Said Umzimvubu Mayor Councillor Zukiswa Ndevu.
An excited Nomxolisi Mabhanya, a 47 year old, couldn't hold back her tears and said "i'm grateful for the support that we have received from uMzimvubu Local Municipality. For years we have been using limited machinery with a very high demand of supplies. The donation of these machines from the municipality will ease the strain and possibly create jobs for our people in the village". Concluded Mabhanya.
The cooperative that began with only one person grew to five people by 2021. The Municipality further incorporated the group into a designer mentorship program, where they were equipped with textile and designer skills. Four machines have since been donated to the value of R50 000 as part of the LED SMME support programme.
The Municipality remains committed to grow the local economy and further contributes towards a positive local government narrative.

# PHEPHENI SPORTFIELD TO COMPLETE PHASE TWO IN APRIL 2024

**By Khanya Kalashe**







On the 21st of November 2023 uMzimvubu Local Municipality Mayor visited Phepheni Sport Field at EmaXesibeni ward 01. The multi-million-rand project that first commenced in 2022/2023 financial year, is expected to complete phase 2 during the Month of April 2024.

"As government, our duty is to provide sport facilities, allocate grants for developing infrastructure, making funds available for specialised programmes for the overall development of sports. This is a collective effort from different government stakeholders and structures, and I am pleased with the overall progress of this infrastructure" said the Mayor Cllr Z. Ndevu.

Phase 2 of this project includes the construction of a drainage system, installation of high-mast floodlights, grandstands, parking area and driveway that leads to the facility. Atleast 12 people with labour intensive skills were employed for the duration of this ongoing phase.

"We feel happy about this sport development in our area because this means we will now have a place for recreational activities. This will not only keep us away from substance abuse, but it will also allow us to exercise more often. I do however think, it is time for the Municipality to wrap up, so that we can finally play our matches here" concluded Mbawu, a resident in the area.

During the Mayor's oversight visit, she also interacted with community members in a bid to address their challenges. A learner from Senyukele Senior Secondary School Olinda Msitshana who is 17 years old, said he can no longer wait for the ceremonial handover for this facility, as they will now be able to play their home games here without travelling to far outer areas.

# ISHISHINI LOKUBHAKA LINCEDISWE NGEZIXHOBO

**Ngu Nomveliso Mzini**







Ngomhla wamashumi amabini anesibini (22) kwinyanga yeNkanga 2023, uMasipala uMzimvubu ngokukhokhelwa nguSodolophu uCeba Zukiswa Ndevu kunye nesigqeba sakhe batyelele elinye lamashishini elibhaka izonka i "Kulture Bakery and Eatery" kwindawo yaseSophia, KwaBhaca.

Elishishini lisakhulayo likhokhelwe ngowasethyini uBukiwe Tom nothi waqala ngonyaka ka 2019 ukuthengisa imibhako kunye namaqebengwana. Kuthe ukufika kwexesha le covid-19 lakhula elishishini laqala lathengisa nokutya kwaye seliqashe abantu abatsha abane abasisigxina.

U-Masipala uMzimvubu uthe wancedisa kwelishishini ngezixhobo zokubhaka kunye nezitulo neetafile zokuhlala ngaphandle ukwenzela abo bazakuthi bafune ukutyela kwalapha.

U-Sodolophu uCeba Ndevu ngethuba lolutyelelo uthe "Lo masipala uthe gqolo ukuncedisa amashishini asakhulayo ukuze azimele akwazi ukukhawulelana norhulumente ukuvelisa amathuba emisebenzi ukuzama ukulwa nentswelangqesho. Kubalulekile ke ukuba bonke abo bathi baxhamle kulenkxaso siphinde sibatyelele ukuqinisekisa ukuba ngenene iprojekthi iqhuba kakuhle ngokufanelekileyo"

U-Olwethu Mngqina ongumsebenzi kule Bakery nongumama wabantwana ababini uthi ufike engazi kwanto ukuqala kwakhe ukusebenza apha kodwa ukuzothi ga ngoku zinintsi izinto athe wazifunda ngoncedo lukaTom nongumqeshi wakhe. Lo ka Mngqina uqhube wathi ukusebenza kule Bakery bubutshintsile ubomi bakhe kuba ngoku uyakwazi naye ukubeka isonka etafileni, kwaye ngoku angakwazi nokuzivulela elakhe ishishini ngesakhono athe wasifumana apha.

# USODOLOPHU UHLOLE UBUME BEHOLO EBUTSHENI

**Ngu Nomveliso Mzini**







UMasipala Umzimvubu ngomhla wamashumi amabini anesibini (22) kweyeNkanga uphonononge umgama osele uhanjiwe kwii projekthi zokuziswa kweenkonzo kuluntu lwalo masipala. Kweli ityeli uphonononge isakhiwo seholo kwilali iButsheni ekwa Ward-27 KwaBhaca nesixabisa izigidi ezimbini zeerandi.

Le holo iqaliswe ukwakhiwa kwinyanga yoMsintsi yaze yabekelwa ixesha elizinyanga ezisixhenxe yaye kulindeleke ukuba igqitywe kwekaTshazimpunzi kunyaka ka 2024.

Le holo ngaphandle ifakelwe amatanki amabini ohlobo lweJojo ukuqinisekisa ukuba amanzi ahlala ekhona kwesisakhiwo kwaye kungekudala izakube sele ibiyiwe ukuqinisekisa ukhuseleko.

U-Sodolophu uCeba Zukiswa Ndevu uthe "Injongo yokwakhiwa kweeholo ezikulo mgangatho kukuqinisekisa ukuba uluntu lwalo mmandla luyafikelela kwiinkozo eziphucukileyo kuba kaloku iholo yoluntu sesona sakhiwo sibalulekileyo ekuhlaleni. Liyindawo yokusingatha imisitho eyohlukeneyo kwakunye neentlanganiso zasekuhlaleni. Abasebenzi abancedisa ukokha leholo ngabahlali bakule ngingqi nto leyo ezise umahluko kulendawo inenani eliphezulu lentswela ngqesho". Lo sodolophu uvakalise ukuba kubalulekile ukuba xa kwakhiwa iholo yoluntu yakhiwe ngabahlali ukwenzela bazive benebango kuyo.

Omnye wabasebenzi kule projekthi yokwakhiwa kwale holo u-Elido Madola uthi ebesele enethuba elide engaphangeli kodwa ngoku uyavuya ukusebenza njengomakhi kule projekthi. Uthe sele ewulindele umhla we Krisimesi nanjengoko ezakutsho akwazi ukuthengela usapho lwakhe izipho nokutya ngomrholo awufumene kule projekthi.

Le holo izakuthatha umthamo wabantu abangamakhulu amabini anamashumi amahlanu yaye izakusetyenziswa ngabahlali belali ezintathu eziquka iSibhozweni, Butsheni kunye neZixhobo. Inkokheli yoluntu uNosixolise Makhawula uthi kudala abahlali balendawo beyifuna iholo yoluntu. Uthi ngoku abahlali bazakuyeka ukubamba iintlanganiso nemisitho phantsi komthi okwisikolo esikufutshane okanye ezintenteni. Lenkokheli yoluntu ilekele ngelithi leholo izakubaluncedo naxa kunokuthi kwenzeke intlekele yendalo yaye unethemba ukuba leholo izakumanya uluntu lwalendawo.

# KUGWENYWE UKUTHENGISWA KOKUTYA OKUNGEKHO SEMGANGATHWENI KWIIVENKILE ZASEKUHLALENI

**Ngu Nandipha Xangayi**








Abonyanzeliso mthetho eMzimvubu baqhube ugqogqo kwiivenkile zasekuhlaleni ezithengisa ukutya okungekho semgangathweni KwaBhaca kunye naseMaXesibeni kwinyanga yeNkanga, 2023.

Icandelo lezempilo, elezentlekele kwakunye nemililo kuMasipala wesithili i-Alfred Nzo, uMasipala woMzimvubu, isebe lezaMapolisa kwakunye nesebe lezasemakhaya bafike bengabhungisanga kwiivenkile zasekuhlaleni eRode, Sugarbush, eMhlozini & Ndzongiseni EmaXesibeni.

"Olu luhlolo oluqhubayo kwaye sijonga zonke izi-phaza ezithengisayo kiindawo zethu. Sijonga ubume nokhuseleko lwesakhiwo, ucoceko ngaphakathi njengoko kuthengiswa okuya ethunjini, imibhalo kwingxowa yokutya ukuba ayibhalwanga ngoku ngekho semthethweni, nokuba iphelelwa nini na ukuze lowo ongayilandeliyo lemiqathango afumane incwadi emnyanzelisa ukuba alungise oko kungekho semthethweni okanye ivalwe ivenkile leyo", oku kutshiwo ngoyintloko kwezempilo kumasipala i-Alfred Nzo, umama uManciya.

Uluntu ekuhlaleni luchulumancile sesisenzo bekwakhuthaza urhulumente ukuba azivale ezivenkile njengoko abanikazi bazo bengakhathali bebeka iimpilo zabahlali esichengeni, ingakumbi abantwana neenkonde.

"Esi sisenzo esihle kakhulu, abasemagunyeni mabaqhube nolu gqogqo kwezivenkile kwaye bazivale ezingenzi kakuhle ukusikhusela njengabathengi", oku kutshiwo ngumama uSiyangaphi inkondekazi yaseRode.

# KUKHALINYELWE UMKHWA WOKUKHULELWA KWABANTWANA ABASELULA KWABHACA

**Ngu Sivuyile Rosho**





Ukuzama ukukhalimela nokukhuza ukukhulelwa kwabantwana abaselula, uMasipala waseMzimvubu uthe wabamba inkqubo yangaphandle kwidolophu yakwaBhaca ngomhla wamashumi amabini anesine kweyeNkanga nalapho ebesebenzisana khona namasebe kaRhulumente ohlukeneyo.

Isikhululo sosasazo i-Alfred Nzo Community Radio naso besikhona ngolusuku ukuzosasazela ngqo ebantwini nalapho onke lamasebe kaRhulumente athe abelana nabahlali ngolwazi nangeengcebiso ezinxulumene nalentlekele yokukhulelwa kwabantwana abaselula.

Amasebe athe azimasa kulenkqubo aquka isebe i-Home Affairs, Disability Forum, Correctional Services, SASSA, isebe leZempilo kunye no IEC. Amanye amasebe anjengo Home Affairs, IEC kunye noSASSA athe anikezela ngeenkonzo zawo ngqo eluntwini ngolusuku.

Obethethela isebe leZempilo uMnumzana Mntuyedwa uthethe wenjenje "Asiyikhuthazi into yokukhulelwa kwabantwana abaselula silisebe kuba imizimba yabo ayikabavumeli ukuba bangakwazi ukubeleka ntoleyo ethi ibabeke ebungozini obukhulu kuba omnye angaphulukana nobomi bakhe". Lo ka Mntuyedwa uzikhankanyile neendlela abathi bancedise ngazo belisebe ukuze ulutsha lungakhulelwa, etsho esithi kuzo zonke ayikho eyogqitha ukuba umntu azikhusele xa kusabelwana ngezesondo kuba noba akakhulelwanga angazibhaqa sele efumana nezinye izifo.

# KUKHALINYELWE UKUHLUKUNYEZWA KWABASETYHINI KUNYE NABANTWANA EMNAMBITHI

**Ngu Sivuyile Rosho**





Ngomhla wamashumi amabini anesibhozo (27) kweyeNkanga kunyaka ka-2023, umasipala wasekuhlaleni uMzimvubu uthe wabamba usuku lokukhuza nokukhalimela ukuhlukunyezwa kwabasetyhini, abantwana kunye namadoda i "16 days of activism" Emnambithi EmaXesibeni kwa Ward 02.

Abahlali bebephume ngobuninzi ukuzozimasa olusuku, nanjengoko belizinyaswe nangabathathi-nkxaxheba abohlukeneyo abaquka kubo u-Home Affairs, SAPS, IEC, AIDS Foundation kunye nabanye. Ababathathi nkxaxheba bebezokuthetha nabahlali balewadi ngeenjongo zolusuku yaye abanye babo beyakwazise neenkonzo zabo eluntwini.

ObenguSodolophu wosuku uCeba Jona uwukhalimele umkhwa wokuhlukumezana watsho esithi makubekho uxolo nothando kumakhaya onke ukwenzela ukuba nabantwana abakhulela kwelokhaya babone umzekelo omhle. Lo kaJona uyakwakhuthaze amanina, amadoda kunye nolutsha ukuba base ngaphambili abo babahlukumezayo bangathuli.

Ngethuba ethetha nabahlali uMnu Khanzi nothethela amapolisa ubongoze abahlali ukuba xa kuthe kwakho umntu othe waxhatshazwa ngokwesondo kungaphoziswa maseko kumangalwe kwangethuba kuba lonto ithi incedisane nabo ukukhawuleza ukubamba umsolwa lowo ngentsebenziswano noogqirha. Lo ka Khanzi ugxile kakhulu kumba wabazali abathi bavumele abantwana babo abaselula ukuba batshate nabantu abadala kuba bejonge inzuzo yemali, etsho esithi eli lityala elikhulu yaye othe wenza njalo ufanele ukumangalelwa kuba unyhasha amalungelo omntwana lowo.

# BABONELELWE NGEZIXHOBO ZOKUSEBENZA ABAPHILA NENKUBAZEKO

**Ngu Nomveliso Mzini**







Ngomhla weshumi elinanye kweyeNkanga 2023, uMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu ubambe ingxoxo yokuxhotyiswa kwezoqoqosho kwabantu abakhubazekileyo kwiziko lenkomfa kamasipala EmaXesibeni.

Injongo yokubanjwa kwalengxoxo ibikukuxhobisa abantu abakhubazekileyo kwaye bacetyiswe nangeendlela zokufumana inkxaso-mali kumaziko ohlukeneyo afana noSEDA, NYDA neDEDEAT.

ObenguSodolophu wosuku uCeba Thabisa Sokhanyile uthe "Namhlanje silapha ukuze siqinisekise ukuba nabantu abakhubazekileyo abanamashishini wabo bayaxhamla kwiinkonzo zikaRhulumente yaye oku kukubakhuthaza ukuba baqhubeke nalamashishini njengoko ehlangabezana noRhulumente ukulwa nentswela-ngqesho".

Lengxoxo ibikhethekile kuba loMasipala uthe wanikezela ngezixhobo zokusebenza kwiiprojekthi ezintathu kunye nezinto zokudlala kwinina elineziko lokugcina abantwana abancinci. Zone eziprojekthi beziphuma kwiiwadi ezohlukeneyo zaloMasipala.

Umama uNkushubana noneziko lokugcina abantwana abancinci uthe "Ndibulela kakhulu kumasipala wase Mzimvubu, usibuyisile kakhulu isidima sabantu abaphila nenkubazeko ingase eliphulo lingaqhubeka lifikelele kubo bonke abantu abaphila nenkubazeko abanamashishini neeprojekthi. U-Masipala wethu ubonakalisa ukubakhathalela abantu abaphila nenkubazeko", liqukumbele latsho elinina.

# ZIXHAMLE KWIZIPHO ZEKRISIMESI IINKONDE NEENKONDEKAZI

**Ngu Sivuyile Rosho**







Ngomhla weshumi elinesithathu(13) ukuya kwishumi elinesine(14) kweyoMnga kunyaka ka-2023 uMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu ubuthe bhazalala kwiiDolophu zawo zombini Emaxesibeni naKwaBhaca, enikezela ngezipho zemali kubantu abadala ngelilixa lekrisimesi.

Ngomhla weshumi elinesithathu lenkqubo yathi yaqhutyelwa EmaXesibeni kwiholo laseChithwa elaziwa ngeSupport centre eWard 28 yaze ngomhla weshumi elinesine yaqhutyelwa KwaBhaca eSophia Park kwaWard 18. KwiWard nganye kuthe kwachongwa abantu abadala abahlanu abangathanti ntweni kunye neeprojekthi ezimbini, baze bathiwa Jize ngesixa mali esiliwaka elinamakhulu amahlanu eerandi(R1 500). Zimbini iiprojekthi ezithe zaxhamla ngokwezixhobo zokusebenza, izithole kunye nezichumisi.

ObenguSodolophu wosuku uCeba Ntombizandile Garane ngethuba esothula intetho yakhe uphefumle wenjenje "Le yinkqubo athi loMasipala ayiqhube minyaka le ukukhawulelana namakhaya angathathi ntweni ngelixesha leeholide, kaloku iKrisimesi lixesha lokonwaba nosapho nitye izimuncu-muncu, ngokwenjenje singuloMasipala sithi kwabo bathe baxhamla mabaye kuthenga kufudumale emizini nakumakhaya wabo". Lo ka Garane uwukhalimele nomkhuba wokuhlukunyezwa kwabantu abadala wokuthi kuthathwe imali zabo zenkam-nkam zisetyenziswe ngeendlela ezigwenxa etsho esithi baze babeliliso kwesisipho mali basinikwa nguloMasipala", uqukumbele watsho lo ka Garane.

Inkonde ethe yaxhamla utata uRobert Manciya uthe ubulela kakhulu ngento ethe yenziwa nguloMasipala kuba naye uzotsho abenayo imali yokonwabela iKrisimesi nosapho lwakhe nanjengoko le yenkam-nkam ibisele iphelile imali.